I Mbongi YeSizwe Jikelele: *Imvo Zabantsundu* (7 December 1940), page 5

**Umkhosi wemi daka II**

"Igwala malithi: Ndiligorha!" Joweli 3:10

Amagorha eMendi alhi kanti akafanga avale izibuko ukuze kungaze kungene nasiphi na isigebenga eNgilane, siye kwenzakalisa uKumkani weBritani.

Izigebenga ezibini, kutsha nje, zenze ngamandla azo onke, ukuba ziwele iEnglish Channel ziye kuhlasela umthombo weBritani Enkulu,— avala apho amaAfrika, uHitler nempi yakhe batsho badla uthuli ngokwenyoka. Namhla bazama ukuphenukela ngase Afrika yethu,— ngoko ke:—

Ayephi na! Ayephi na!!
Ayephin' awakowethu?
Zemk' iinkomo magwala ndini!
Sipheth' iintong' ezibugqi!
Zitsho shushu ezasemoyeni,
Zinemililo nemibane,
Ziduduma zigqekreza;
Midondosholo yeAfrika,—
SingamaBritani thina.
Singama Britani!!

Phindela kwakhona!
Phindela kwakhona!!
Biz'amagorh'ezilalini;
Biz'amagorh'ezilokishini;
Bangasali ngemv'abeBhulasi;
Ingom'amadod'ifikile,—
Ivunywa ngekrwana nentshuntshe
Ivunywa ngekhaka negazi;
SingamaBritani thina.—
Ngenene SingamaBritani!

Wayekela! Wayekela!
Wayekela Lawu ndini!!

Mdak'omnyam'olal'esingeni;
Mdak'omnyam'onezinja zawo;
Gqirha lendlela nguQongqothwane.
Sowel' iGqili siwel' iLigwa,
Siwel' iLimpompo nomZambezi,
Simdle luhlaz'umSoleni:
SingamaBritani thina.—
SingamaBritani okwenene!

Phakathi phambili!
Phambili phakhathi!!
Mathol'ezala kulandelwa,
NokhuIul'amaFiji,
Nihlangul'amaGala;
Ninced'amaBasiniya;
Niwajij ' amaUjiji,—
SingamaBritani man,—
SingamaBritan' ephelele!

Ifikil'ingom'amadoda
Soyivuma ngemihlali
Siqabel'iintaba zeMatopo
Siqabel'iintaba zamaKhenya
NezeSikhalima njalo
Siyivuma ngemincili
Ingom'ebhombo nogandaganda
Ingom' esinandile nerhuluwa.

Hambani makwedini!
Zenibuye kamsinya!
Kuba nasekhaya kukh' ama Gqubusha.
Nibuye nexhoba lomhlaba;
Ningalishiy' elee nkomo;
Nibuye nodumo nozuko;
Nibuye noloyis' oluhle;
SingamaBritani thina,
'Mabandl' angatshonelwa langa.

